



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2014

**ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P2
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali – 13.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA**

- 1.1.1 NguMbuyiselo /umfana olala noMpumelelo eHostele ✓ (1)
- 1.1.2 KuNtsibande ✓ (1)
- 1.1.3 Zazincokola esinaleni eBlythswood zilungiselela umdlalo wombhoxo. ✓ (1)
- 1.1.4 Kungokuba ezi zithethi zazingaliboni ithemba lazo ekubeni babelungiselela umdlalo ophakathi kwabo neClarkebury, kwaye esisicrum half esithenjiweyo. ✓✓ (2)
- 1.1.5 B-Umhlobo wakhe. ✓ /D-Abantu abangamadoda abazalanayo Okanye abalekelanayo. ✓ (1)
- 1.1.6 Wayegula,kuba wayephazamiseke ngokwasengqondweni emva kokusweleka kwabazali bakhe kwingozi yemoto. ✓✓ (2)
- 1.1.7 Wayengathandi ukuthetha ✓/isisithuli. ✓ (1)
- 1.1.8 Wayemana ekhala ebusuku xa elele. ✓ (1)
- 1.1.9 Ndiyavumelana, kuba umntu xa enento emhluphayo uyathanda ukungafuni nokuphathwa okanye athethe nabantu. ✓✓

OKANYE

Andivumelani, kuba umntu kufuneka amane ezanywa engekade enzakale angayekwa nje, xa umntu emana ezanywa ude akhululeke. ✓✓ (2)

- 1.1.10 Sabenza nzima kuba wayengonwabanga/wabethwa esinaleni/waya esibhedlele/kwanyenzeleka akhe angabikho esikolweni. ✓✓ Wonzakala/wafumana isohlwayo esinaleni ✓✓ (2)
- 1.1.11 Usizobela umlinganiswa olixelegu/ophazamisekileyo engqondweni/ ongakhathaliyo/odiniweyo/wayeza kuphinde avuke kwamsinyane. ✓✓
[Naziphina eziMbini kwezi] (2)
- 1.1.12 Wayebalasela kumdlalo wombhoxo ✓/kunye nokubetha amanqindi xa egezelwe ✓ (2)

ISICATSHULWA B

- | | | | |
|-----|--------|---|-----|
| 1.2 | 1.2.1 | Waphumelela waba nguGqirha. ✓ | (1) |
| | 1.2.2 | Igama lakhe nguThembisa Sanqela. ✓ YayinguThembisa. ✓ | (1) |
| | 1.2.3 | Ngumtshato wesiNtu/wesiXhosa/ukuthwalwa ✓ | (1) |
| | 1.2.4 | Uyonqena ukukhupha imali/Wayesoyikisela iintshaba zabazali bakhe ✓ | (1) |
| | 1.2.5 | Wakha isibhedlela,Wavula ikwayala yabantu abadala/umbutho wamanqindi noweJudo/Umfazi wakhe kwelinye icala wafundisa abafazi indlela zokukhulisa abantwana/Waphilisa abantu abagula ngengqondo. ✓✓
(Naziphi eziMbini kwezi) | (2) |
| | 1.2.6 | Wayengunozakuzaku ngexesha kulungiselelwa umtshato. ✓ Wafundisa uThembisa ✓ | (1) |
| | 1.2.7 | Emva kokusweleka kwabazali bakaMpumelelo, uNozililo ugale phantsi ukufuna ivenkile. ✓✓ Ubambe iintlananganiso zokungcolela umzi kaLungile kutshiswa nevenkile. ✓ UNozililo wathenga ootsotsi ukuba bazame ukubulala uMpumelelo ngemini yetheko. ✓✓ | (2) |
| | 1.2.8 | Uzive sethethe into ebengafanelanga ukuba uyithethile✓/Ukuthetha into ongayithunywanga ✓ | (2) |
| | 1.2.9 | Uzive sethethe into ebengafanelanga ukuba uyithethile✓/Ukuthetha into ongayithunywanga ✓ | (1) |
| | 1.2.10 | Ube ngumntu othe wayazi intsokolo, wazimisela ebomini obunempumelelo kunye nenqubela/wayengumntu owomeleleyo/wayiphikisa iminqweno yentshaba zabazali bakhe/wayezinzile engqondweni. ✓✓
(Naziphina eziMbini kwezi) | (2) |
| | 1.2.11 | Wadibana naye esinaleni eBlythswood ✓ | (1) |
| | 1.2.12 | Kukuzimisela ezifundweni zabo/ukubamba imiyalelo yabazali ✓✓/ imfundu yabo bayisebenzisa ukuphucula isizwe kunye noluntu/ kukuzimisela ✓✓/kukuzazi ukuba bafuna ntoni ebomini. ✓✓ Iminqweno yokuba ngabantu abaphucukileyo nabalulutho esizweni. ✓✓ | (2) |

AMANQAKU ECANDELO A: 35

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMQOL'UPHANDLE – P.M. NGANI

- 2.1 2.1.1 Zange yenzeke kuba uLinda wathi uyagula kuba ecinga ukuba uEddie uzazoku- mbona. ✓/Wathi ufunyenwe yingqele. ✓ (1)
- 2.1.2 UThekwane/Intaka. ✓ (1)
- 2.1.3 Lubhelukazi lasemaphupheni am ✓/Kwakungangxanywanga mhla yayidalwa ✓ (1)
- 2.1.4 Wayenomzimba omncinci ✓/wayezidla✓/wayethanda ukuzenza mhle ngokufaka umgubo ubuswen ✓/idlebe ezinkulu ✓/uthanda ukufaka iziqholo. Izinxonxo ✓/Amehlo azingqande ✓
(Naziphi eziMbini kwezi zingentla) (2)
- 2.1.5 Wayenganxibanga/wayehamba ze. ✓ (1)
- 2.1.6 Kungokuba ibali liqhutyelwa eMonti ✓/uLinda Monti wayengunobuhle waseMonti. ✓ (2)
- 2.1.7 Kungokuba wayesisithwandwa sikaEddie/UHlolo wafumana ileta eyayibhalwe nguLinda ✓✓/Kwafunyanwa umpu wohlolo lwe.38 esipajini sakhe. ✓✓ Amavili iroadmasters/ukunxila ngomhla wesehlo ✓✓
(Nayiphi eziMbini kwezi) (2)
- 2.1.8 Ndiyangqina, uLinda waye wayokusela utywala kwaMakheswa ekhupha u kungonwabi kuba uEddie engayanga naye kumboniso bhanya-bhanya. ✓✓
Zingcinga zokuba athi kanti uEddie uye nesinye isithandwa ✓✓/
Ulwimi labantu ✓✓/Ukugadlela kukaEddie umnxeba ✓✓ (2)
- 2.1.9 Ewe, kuba uLinda wayemthanda uEddie ✓✓/
Ewe uEddie wayenomsebenzi ophucukileyo kwaye esaziwa njengenene naye luluntu lwaseMonti. ✓✓

OKANYE

- Hayi, kuba uEddie wayengudlalani ngoko wayefanelwe ngamantombi afana naye,ngokuthi athande amadoda/Akuluxabisanga uthando. ✓✓ (2)
- 2.1.10 Ewe, kuba wasinda ekufeni.✓✓/Ewe ngoba ngekwakufe yena endaweni kaLulama ✓✓

OKANYE

- Hayi, kuba waphinda wakhathazeka waze wahamba wayokucima inzingo/iingcinga ngokusela utywala. ✓✓ (2)
- 2.1.11 Igama lakhe nguLulama Zuma. ✓✓ (2)

ISICATSHULWA B

- 2.2 2.2.1 Wayengumcuphi ✓/Detective ✓ (1)
- 2.2.2 Zazibonisa ukugqwesa kwakhe kwezobocuphi/Amava akhe ebucuphini/Impumelelo yakhe kumsebenzi wobucuphi. ✓✓ (2)
- 2.2.3 Kukuthengisa intsangu ✓/kukubulala uEddie noLulama Zuma. ✓ (2)
- 2.2.4 B/Mnumzana Ngqondi ✓ (1)
- 2.2.5 Wayefumene imbaso zobuntshatsheli ebucuphini ✓✓/Unomonde ✓✓/Uyayisebenzisa ingqondo ✓✓/Uyayilandela into ayivelele macala onke ✓✓/Ulichule lokumamela ✓✓/uneliso elibukhali. ✓✓ Wakwazi ukuphanda isintsompothi sokubulawa kukaEddie ✓✓
(Naziphi eziMbini kwezi) (2)
- 2.2.6 Kubange ukungavisisani kumalungu aseMoonglow ✓✓/Kukhokhelele ekubulaweni kukaEddie. ✓✓ (2)
- 2.2.7 Ukudlalwa kwetape recorder kwaveza intetho kaEddie eyalela uLinda ukuba aze ase le ncoko iphakathi koEddie namalungu aseMoonglow emapoliseni./yaphindayaveza incoko phakathi kukaEddie namalungu aseMoonglow malunga nokuchasa kwakheukuthengiswa Kwentsangu. ✓✓ Yaveza isigrogriso sokukhuphela uEddie ngaphandle kombutho ngendlela yokumbulala ✓✓/ixesha alinikwayo lokuphila ukuba akathi athathe isiggibo ngomba la malungu aze ngawo. ✓✓/Yaveza ubungqina bokuba uNkosikazi Hobe yayinguThembisa Ntlokonkulu. ✓✓ (2)
- 2.2.8 Hayi, zindawo zokonwabisa uluntu, luhlaziye ingqondo. ✓✓ (2)

OKANYE

Ewe, ezinye zenza ngathi zonwabisa uluntu kanti zithengisa iziyobisi. ✓✓ (2)

- 2.2.9 (a) B UNkosikazi Hobe ✓
 (b) D ULinda Monti ✓
 (c) A Lulama Zuma ✓ /D Linda Monti (3)

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI: D.M. JONGILANGA****ISICATSHULWA A**

- 3.1 3.1.1 Base-ofisini kaMnu Loni. ✓ /esikolweni eNobutho. ✓ (1)
- 3.1.2 Yinqununu yaseNobutho. ✓ (1)
- 3.1.3 Lelokuba esela esikolweni ✓/Ukumosha abantwana besikolo ✓/ukudelela abasemagunyeni ✓/ukunyotha emsebenzini ✓
(Nayiphi kwezi zilapha ngentla) (1)
- 3.1.4 Ukudelela abaphethayo/abasemagunyeni /ukunyotha/ukunqena. ✓ (2)
- 3.1.5 Uyadelela/uyageza/akacengi/akanasimilo.✓ (1)
- 3.1.6 Okokuqala ubhaqwe ethume umntwana (uLiziwe) utywala ngexesha lesikolo. ✓/Ngexesha bexoxa uye wabonakalisa ukudelela abantu abamphethayo. ✓ Usela nabantwana besikolo ✓/Ikhabhathi yakhe yesikolo igcwele ngamakhoba otywala. ✓
(Naziphi eziMbini kwezi) (2)
- 3.1.7 Udaka olutyatyekwe phezu kwesamente. ✓ (1)
- 3.1.8 Hayi, akamhlioniphi, uthi xa ebhekisa kuye amfanise nentaka encinci (incede). ✓✓ Umdelile kwa ukuba amfanise nencede. ✓✓ (2)
- 3.1.9 Indelelo ✓ (1)
- 3.1.10 Wayencwase isikhundla sikaMawonga ✓✓/Uthanda amawonga ✓✓/Ungumntu ongcolileyo ojonga isiqu sakhe kuphela. ✓✓/Ufuna ukwenza uMawonga umntu ombi ukuze uNdila aziphindezele ✓✓ (2)
- 3.1.11 Nam ndandinokuzama ukuba makagxothwe kuba akanguwo umzekelo omhle womfundisi ntsapho ✓✓/Ndandinomnika elinye ithuba ndizame ukumbonisa impazamo zakhe. ✓✓/Ndandinokuzama ukuba ndiqale ndiyixoxe naye ecaleni ndive izimvo zakhe, ukuba uyazisola ndimkhusele. ✓✓ Uthembisa ngokuyeka/uyazithoba. ✓✓ (2)
- 3.1.12 Udlale indima encomekayo, ngokubiza ikomiti yesikolo ukuze uNdila axoxiswe ✓✓/Wawazisa amalungu ekomiti ngesimo sikaNdila kwaphambi kokuba abe uyarhoxiswa. ✓✓ Ibe yinto encomekayo ukuba avume ukugxothwa kukaNdila xa onile ukuze nabanye abantwana basinde kulo mkhwa mbi. ✓✓ Neetitshala eziphantsi kwakhe zingangeni kulo mkhuba kaNdila. ✓✓

OKANYE

Hayi indima ayidlalileyo ayincomeki njengenqununu kuba bekufanele azivelele zonke iinkalo✓✓/Ube ngqingwqwa kakhulu akamcingela ukuba mhlawumbi uNdila unengxaki kwaye ingamchana kakhulu into yokuphelelwa sisonka. ✓✓/Nesebe lemfundo nale belifanele ukuba nalo libe nenxaxheba phambi kokuba babeke isgwebo. ✓✓ Uthe uNdila sele ezixela ukuba unesithembu sibutywala akamcingela kuba engayazi into yokuba likhoboka loytwala ubunzima bayo xa sele ufuna ukuphuma. ✓✓

(2)

ISICATSHULWA B

- 3.2 3.2.1 Babetyholwa /babengabarhanelwa ekubulaweni kukaMawonga ✓ (1)
- 3.2.2 Naye uNdila wayekunye nabo ekwangumrhanelwa. ✓ (1)
- 3.2.3 Umyeni wakho ebeginya? ✓ (1)
- 3.2.4 Ewe, kuba babedibene noNdila ukuze baphalaze uMawonga. ✓✓ Bebesebenzisa uZanele ✓✓

OKANYE

Hayi, uMawonga ubethwe bububbhetebhetye bakhe akakwazi ukumelana nobunzima bobomi. ✓✓ Khange abe nabulumko, kuba ubefanele ukuba uhambele kude kwindawo enoNdila kuba ebengeze abe ngumhlobo wakhe ✓✓

(2)

- 3.2.5 Umbhali uzama ukusifundisa ukuba umntu owenza izinto ezimbi uphelela entolongweni/Ukwenza ububi busa esihogweni/Xa wenze okubi soze ungafunyanwa. ✓✓
- 3.2.6 Ewe, kuba uNdila simfanele isigwebo sentambo njengonobangela wayo yonke inkquleqhu /impixano ethe yenzeka apha encwadini. UZanele no Funeka nabo sibafanele njengoko babengamahlakani kaNdila kukungcola awakwe- nzayo. ✓✓

OKANYE

Hayi, uMawonga uye wathi ngokungomeleli kwakhe ukuze akwazi ukumelana nengxaki azifumana ekuyo wathatha ubomi bakhe. Ngoko isigwebo besi- nokunyenyswa kancinci. ✓✓ Xa bekunokuphandwa nzulu ngetyhefu ayityleyo kuba ayaziwa ukuba ibe ivela phi nangona isemvulophini ebhalwe uNdila. ✓✓

(2)

- 3.2.7 Safunyanwa endleleni ebheka ngasemfuleni ✓ (1)
- 3.2.8 Uwabhekisa kuNdila ✓ (1)
- 3.2.9 Yinyani, kuba uNdila, uZanele kunye noFuneka baye bajikelwa zizinto ezimbi abathe bazenza kuMawonga ngokuthi baphelele ejele. ✓✓ (2)

- 3.2.10 Wayenganakusifumana kuba wathi uMzantsi Afrika wakufumana inkululeko sapheliswa isigwebo sentambo. ✓✓ (2)
- 3.2.11 Sasilungile, kuba ilizwe lalimfulathelo ezibona engeyonto ebomini ✓✓

OKANYE

Sasingalunganga,kuba ukuba wayenyamezele mhlawumbi izinto zazinokuba, ngcono ngakumbi exhaswa nayinkosikazi yakhe.✓✓
Ukuba wayethe akuqonda ukuba liyelenqe eli azame abuyise unyawo etywaleni aqale ekuqaleneni. (2)

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDAKUYICEL'UVUTHIWE – L.L. NGEWU noE. Z. GUQA****UMNTU AKALAHLWA – E.Z. GUQA****ISICATSHULWA A**

- 4.1 4.1.1 KuQumbu ✓ (1)
- 4.1.2 Hayiwayenekomo ezininzi ✓/Ubeyenye yamadoda afuyileyo kwaye elima kunganqabanga ukutya/nto emzini wakhe ✓ (1)
- 4.1.3 Kwakufuneka boluse iinkomo. (1)
- 4.1.4 uMathidala wayeboleka imali, aze yena abolekise ngenkomo, emxelele umnimali lowo ukuba uyakuthi umntwana lowo ufundiswayo akuggiba ukufunda, ayibuyise imali leyo yemboleko nenkomo ke ibuye lekhaya. ✓✓ (2)
- 4.1.5 Kungokuba uMathidala wayeliggolo ✓✓/igcisa/engafuni ukukhupha imali ✓✓ Wayengayikhathalelanga imfundo. ✓✓ /igogotya ✓✓ (**Naziphi eziMbini kwezi zingentla**) (1)
- 4.1.6 Ilungile, kuba xa umntu engenayo imali iyabolekwa. ✓

OKANYE

- Ayilunganga, ✓ kuba naxa sele ufundile ushiyeka unetyala osalibhatalayo. ✓ (2)
- 4.1.7 Ibonakalisa ukuba ungumntu osabambe indlela zakudala zokuba abantwana abangamantombazana bangayi esikolweni, ukuze bende bazise iinkomo ✓✓/Amakhwenkwe makoluse inkomo kuphela ✓✓/ Into ebalekileyo kuye yimfuyo kunemfundo ✓✓/Ungumntu onengqondo yakudala. ✓✓ /Inkolo yakhe udlala ngemali kuba bezakutshata basebenzele eminye imizi ✓✓ (**Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka**) (2)
- 4.1.8 Wayengabathandi, kuba yena wayefuna inkomo ngabo kuphela. ✓✓/ Wabagxotha bakumitha, waphinda akazimamela izicengo zikaTyhobeka owayebancengela ukuba mababuyle ekhaya. ✓✓ / Wayebathanda qha wayecaphukela le nto bayenzayo. ✓✓ / Wayebonakalisa ubuzali esenzela ukuba bayeke bangaphindi basenze eso senzo. ✓✓ (2)
- 4.1.9 Igama lakhe nguThandile. ✓ (1)
- 4.1.10 Silungile, kuba ngamaxesha akudala yayilinyala ukumitha kwentombi ingekendi. ✓✓

OKANYE

Asingalunganga kuba awukho umthetho othi intombi xa imithi mayigxothwe. ✓✓ (2)

- 4.1.11 Kubonakalisa ukijiya kwezinto/ukuqina kwezinto/ukuvela kwengxaki. ✓ (1)
- 4.1.12 Musa ukumenza umntu into embi kuba ngenye imini usenokuphinda uncedwe kwanguye. ✓✓/Umntu xa esengxakini ubokumnceda ungasuke wongeze kwingxaki anazo. ✓✓/abantu abasabambe iinkolo zakudala bayabumosha ubomi babantwana babo.✓✓
(Naziphi ezinye iimpendulo ezichanekileyo zamnkelekile) (2)

ISICATSHULWA B

“KANTI ANDIZENZANGA!” – E.Z. GUQA

- 4.2 4.2.1 Wazalwa sele abazali bakhe bencamile ukuba banganaye umntwana. ✓.Wayekhule yedwa kowabo. ✓/Wayengafani nabanye abantwana basesikhobeni abangamakhwenkwe. ✓
(Nayiphi eNye kwezi) (1)
- 4.2.2 UMadosini/UMadam ✓ (1)
- 4.2.3 Esikhobeni ✓/eRhini/ ✓eMnyameni ✓/kwaNonkqubela ✓
(Naziphi ezimbini kwezi) (2)
- 4.2.4 Zange amkeleke phakathi kwamakhwenkwe asesiKhobeni/Wabizelwa entlanganisweni komkhulu koxoxwa le meko yakhe/Wagxothwa elalini/ Wemka kowabo/Wagxothwa emsebenzini ngenxa yokuba enobuntombazana. ✓✓ (2)
- 4.2.5 Xa itshawuza imibane, uMntuyedwa ubenethemba lehusi elingunina. ✓✓ Unina eyintinga yokumvikela. ✓✓ Ubesoloko elungele nasiphina isishiqi unyana wakhe asibona njengengxaki. ✓✓ (1)
- 4.2.6 Andivumelani nayo, kuba uMntuyedwa akazenzanga ✓✓/KuMzantsi Afrika okhululekileyo elowo nakuba umntu unjani unelungelo lokuphila ✓✓

OKANYE

Ndiyavumelana, ✓ kuba kudala umfana ongubafazini njengoMntuyedwa wayesisonyeliso kwamanye amakhwenkwe nakumadoda elali. ✓✓ (2)

- 4.2.7 Hayi, kuba wasuka wahambisana namadoda elali athi uMntuyedwa makahambe eSikhobeni. ✓✓/Makaphume aphele esiKhobeni ✓ (2)
- 4.2.8 Lilungelo lokuphila ✓✓/ llungelo lokuzikhethela ✓✓/ilungelo lokuzimanya naye nabanina. ✓✓ (2)

- 4.2.9 UMntuyedwa ubengenaye umthetheli ongutata okanye odade kunye nabantakwabo. ✓✓ Uphele esisisulu sokucalucalulwa ngamakhwenkwe kunye namadoda elali. ✓✓ /Nomama wakhe kuba enganamyeni nomntu osecaleni kwakhe woyisiwe wanikezela ngobomi bonyana wakhe. ✓✓ (2)
- 4.2.10 Bendinokuzama ukuzithetheli kwintlanganiso zelali. ✓ Bendinokumangala kwinkundla zamatyala ✓/Bendinokuya koonontlalontle ndicela amancedo.✓ (2)

AMANQAKU ECANDELO C: **35**

ICANDELO D: ISIHOBE**VUKANI MADODA – A STEMELE****UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****BAFANA BAFANA – XAYIMPI S**

- 5.1 5.1.1 Lidlala umdlalo webhola ekhatywayo/isoka. ✓ (1)
- 5.1.2 C/1996 ✓ (1)
- 5.1.3 Abonisa imivuyo. ✓/ulonwabo ✓/ukuzingca ✓/ibhongo ✓/imihlali ✓/Imigcobo. ✓ (1)
- 5.1.4 Lichaza ukungena kwebhola emnatheni. ✓ Ukufakwa kwenqaku ✓ (1)
- 5.1.5 Lidibanise abantu bentlanga ezahlukeneyo, liphucule izinga lebhola ekhatywayo/umgangatho. ✓✓ (2)
- 5.1.6 Ewe iBafana Bafana ithetha umntu oyindoda, kodwa xa umntu enemisebenzi emihle uthi xa enconya kusetyenziswe eli gama lithi kwedini. ✓✓ (2)
- 5.1.7 Sisikhahlelo sakhe esivela kwimisebenzi yakhe yokulwela abantu ngexesha lomzabalazo. ✓✓ (2)
- 5.1.8 UMandela kuthiwa uphuhlise ezoqoqosho. ✓/udibanisa imihlambi eyalanayo ✓/uphucule isizwe somzantsi Afrika ✓/uwenze uMzantsi Afrika waxatyswa ngamazwe ngamazwe. ✓ (2)
- 5.1.9 Yingonyama. Kungokuba yona ingukumkani wezilwanyana zasendle, kwaye iyoyikwa. Abadlali beBafana Bafana bangamakroti yiyo loo nto befaniswa nayo. ✓✓ (2)
- 5.1.10 Uthi iBafana Bafana mayiqhubele phambili. Zintaka neenqwelo moyo. ✓✓ (2)
- 5.1.11 Ngonyaka ka-2010. ✓ (1)
- 5.1.12 Imbongi yonwabile kulo mbongo. ✓/ichulumancile ✓ /iyavuya ✓/iyancoma ✓ (1)

UMBUZO 5.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**INTABA KA NDODA: L.S. NGCANGATA**

- 5.2 5.2.1 Umbongo-mbali ✓ (1)
- 5.2.2 Ithetha namaXhosa. ✓ (1)
- 5.2.3 Kulutsha olubhinqileyo/amantombazana/koomama/kubafazi/kumakhosikazi ✓ (1)
- 5.2.4 Inge ithozamel'ukuthandazel'mvula- Isimntwiso ✓✓ (2)
- 5.2.5 IkwaNgqika. ✓/KwaRharhabe ✓ (1)
- 5.2.6 AmaXhosa ayezidla ngale ntaba. Ithi imbongi 'Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba. ✓✓ (2)
- 5.2.7 Imbongi ithi makwakhiwe izindlu ✓/makulinywe ✓ (2)
- 5.2.8 NguRharhabe, ✓ NguPhalo ✓ kunye noGcaleka. ✓
(Naziphina eziMbini) (2)
- 5.2.9 NguPhalo. ✓ (1)
- 5.2.10 linkunzi zenkomo ezimbini azikhonyi buhlantini bunye. ✓ (1)
- 5.2.11 Yayingabathwa/Oonoqhakancu ✓ (1)
- 5.2.12 Elowo kubo ukhonza ngabantu abakholelwa kuye. ✓✓/Elowo ubalulekile kwabo bamkhonzayo okanye indlela abakhonza ngayo. ✓✓ (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70